



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**NOVEMBA 2024**

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: liyure 3**

**Olu viwo lunamaphepha ama-5.**

**IMIYALELO NENGACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A: Isincoko (50)

ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba uchwangcise (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngokuchwancisa PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.
6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kulo lonke uyilo ukuba uthe walwenza.
7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:
- ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-100
- ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-(2 x 40) 80
8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.
10. Bhala ngokucoccekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: IZINCOKO**

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-340–390. ...

**UMBUZO 1**

- |     |  |      |
|-----|--|------|
| 1.1 | Lalisenza izinto zamehlo elethu iqela  | [50] |
| 1.2 | Indalo nezinto zayo                    | [50] |
| 1.3 | Ulilandele ke wethu igama lakhe        | [50] |
| 1.4 | Kuswiti nencindi yekhala apho          | [50] |
| 1.5 | Uthando luyonwabisa lulilisa kananjalo | [50] |
| 1.6 | So-o-onke sikhe sixakwe                | [50] |

Qwalasela uze ukhethe ubemnye kwimifanekiso engezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo. Nombola impendulo yakho ngolu hlobo (1.7 okanye 1.8).

1.7



[Uthathwe ku<https://fiftyflowers.com/blogs/diy-flowers>]

**[50]**

1.8



[Ucatshulwe kwi-intanethi: [www.googlesearch.com](http://www.googlesearch.com)]

[50]

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

**ICANDELO B: IMIHLATHI**

Khetha imihlathi ibemiBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

**UMBUZO 2****2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhala ileta uvuyisane nesizalwane sakho esifumene umsebenzi.

**[25]****2.2 UDLIWANONDLIBE**

ULutho ungumfundi onomdla wokufumana ulwazi malunga nendlela afumaneka ngayo amandla okuphumelela, ukukhuthazeka, ukungatyhafi, nokungazoyikiseli. Udlana indlebe noSinako ongumdlali ophume phambili kutshanje kwimidlalo yeParalimpiki.

Bhala udlwanondlebe oluza kwenza uLutho afumane ulwazi alufunayo kuSinako.

**[25]****2.3 INTETHO**

Izikolo zinengxaki yokucalulana kwabafundi. Wena unamava okusombulula ukucalulana kuba ubungomnye kwigqiza ebelisombulula le ngxaki kwisikolo enemelene naso.

Bhala intetho yokunika iingcebiso ngeendlela zokuphelisa ukucalulana ezikolweni.

**[25]****2.4 I-IMEYILE**

Ungumhlali, bhala i-imeyile ebulela unogada ngokubhaqa, abambise abantu abenza oosingasiselo abanobungozi kwingingqi yenu.

**[25]****2.5 INGXOXO YABABINI**

UBalungile uyimele imbono yokuba izikolo mazikuyeke ukunyanzela abafundi ngokuthetha isiNgesi kuphela esikolweni, ngeli xesha uKungawo esithi abafundi mabanyanzeliswe bathethe isiNgesi sodwa esikolweni.

Bhala le ngxoxo iphakathi kukaBalungile noKungawo.

**[25]****2.6 INGXELO ENGEKHO SIKWENI**

Bhala ingxelo oyinika usapho lwakho njengomququzeleli wohambo lokuya kuchitha iiholide zalo zokuphela konyaka.

Ingxelo yakho mayiquke: Injongo yohambo, osele ukwenzile, okufumanisekileyo okuhambelana nenjongo kunye neengcebiso ngohambo.

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B:**  
**AMANQAKU EWONKE:**

**50**  
**100**